*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*UThuli, uNkomodidi nemfihlelo*
*(Thuli, Special and the Secret)*
Illustrated by Yihenew Worku
Written by Baeletsi Tsatsi
Designed by Dali Gaga
Edited by Monique Whitaker
translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 25 February 2017.

ISBN: 978-1-928442-48-6

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

UThuli uhlala noMakhulu wakhe nenkomo yabo, uNkomodidi, elalini.

Abazali bakhe basebenza esixekweni.



Ngentsasa nganye uMakhulu kaThuli uvuka kwangoko ukuya kubukela ukuphuma kwelanga.

Xa ilanga liphezulu esibhakabhakeni, uMakhulu uhlamba uThuli. Uhlamba amazinyo kaThuli, ahlambe ubuso bakhe akame neenwele zakhe.



Xa uThuli ebukeka kwaye ecocekile, uMakhulu upha uThuli isidudu. UThuli uyasithanda isidudu. Kodwa ubisi uluthanda ngokuthe kratya, kuba luphuma enkomeni yabo, uNkomodidi.

Lubisi olutsha kwaye olunocwambu.

Bakugqiba ukutya, uThuli noMakhulu bahlala phantsi komthi aze uMakhulu abalisele uThuli amabali.

Akuba egqibile ngamabali, uMakhulu upha uThuli imiqhathane kunye nobisi olutsha olunocwambu.

Abazali bakaThuli beza nayo imiqhathane xa bebatyelele – imiqhathane enamasuntswana etshokolethi. Eyona ithandwa nguThuli.

Thuli-special-and-the-secret_interior.indd 14 2020/06/22 17:39

UNkomodidi uyathanda ukubukela uThuli xa esitya imiqhathane yakhe. UThuli ufuna ukwabelana noNkomodidi ngemiqhathane yakhe, kodwa uMakhulu umnika elingene yena kuphela.



Ngenye imini, emva kokumamela amabali, uThuli ulandela uMakhulu ukuya endlwini, echwechwa ukuze uMakhulu angamva.

UThuli ubona uMakhulu ekhupha imiqhathane eontini.



Uphuma ebaleka esiya kuxelela uNkomodidi ukuba kungekudala uza kumpha eminye imiqhathane.

Seyihambile imva kwemini, uMakhulu noThuli bathi qwaka kancinane. Bakuvuka babukela ilanga xa lisiya kutshona.

Lakuba litshonile ilanga, uThuli uchwechwela ekhitshini.

Uvula ionti akhuphe eminye imiqhathane aza kuyipha uNkomodidi.

UNkomodidi ukhotha uThuli xa emnika imiqhathane yakhe. UNkomodidi uyancuma. UThuli uyancuma.

“Yimfihlelo yethu encinane le,”

utsho uThuli.

